

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAPGP YOPHULISO LWABAVELISI



Nciphisa imingcipheko ngeinshorensi yezityalo

Ifoto:
Amanda van Blerk.

UMZANTSU AFRIKA LILIZWE APHO AMA90% OMHLABA AHLELWA NJENGOBHARHILEYO OKANYE OPHANTSE WABHARHA. NGOKO KE, KUNYANZELEKILE UKUBA UMLIMI NGAMNYE AGQALE IMINGCIPHEKO YEMOZULU NEMINYE NGOKUPHATHELELE EKULIMENI.

Umthethosiseko weinshorensi njengesixhobo sokwahluelana kwiimeko zemingcipheko uthetha ukuvuma imirhumo eziintlawulo ezifanelekileyo zabaxumi abaninzi, kuze oko kwenze ukuba iqumru leinshorensi liyiqukanisele ndawonye imingcipheko. Iqumru leinshorensi ke ngoko liya kusebenzisa iinkucukacha okanye ulwazi olugciniweyo (data) malunga nokuphindaphinda kanye nobuzaza bemibango ukuze libeke imirhumo eziintlawulo zabo bonke abalimi ukuqinisekisa ukhuseleko lwezityalo zabo. Le mirhumo isekwa kumanqanaba aya kwenza ukuba iqumru likwazi ukuhlawula imibango ngokuyithatha kwezo ntlawulo zenziwayo kodwa emva koko kushiyeko umda weendleko zokusebenza kanye nenzuso.

IZINTLU

Ezi zizintlu zeziphango kanye nokhuselo lweinshorensi olunonxulumanu kwaye zibhekiselele kwi-inshorensi esisiseko, ingeyiyo intlaninge yeengozi.

Isiphango

lilahleko zezityalo ezibekho ngenxa yesiphumo sokutshabalala okubonakeleyo obekungqale kwiindawo ezithile zesityalo, okanye kwisityalo siphelele: lilahleko ekuthethwa ngazo ziquka imbewu/iinkozo ezsuka ziphume, iindawo zezityalo ekwenzeneka kuzo ukukhula ezitshabalalayo, amaggabi alahleka ngokuvuthuluka okanye

ngokuqhawuka kweendawo ezithile zaho okanye ngokupheleleyo, umonakalo weziphango kwizikhondwana nakwizikhondo ezsikeki-leyo, ezitswebekayo okanye eziqhawukayo.

Umonakalo wezityalo, obonakele emva kwesiphango, nongabonakalanga ngexesha lohlolo, ngoko ke, uze ungakwazi ukubalwa, njengokubambezeleka kokukhula okusisiphumo somonakalo wengqeleva ematyeni esiphango nasuka angqonge isityalo, okanye akhokele kwisifo somonakalo wesiphango, awuqukwu kukhuselo.

Ukhuselo lweziphango olwandisiweyo

Phantsi kweemeko eziqhelekileyo lunqumama kwangoko ukhuselo kwiziphango xa zivunwa izityalo, oku kuquka ukuncothulwa kwazo, ukuxatyelwa, ukugawulwa okanye ukususwa entsimini. Kwzigane-ko ezithile ngumgaqo wokufama ukushiyelela izityalo ezithile emva kokukhutshwa emhlabeni, ezipfana netswele, kwixesha elithile entsimini. Kweli xesha, isityalo sisesesichengeni sokonakaliswa sisiphango kanti ifumaneka xa kunjalo i-inshorensi eyongezelelwayo.

Umoya

Umonakalo ofana nalowo weziphango, ofana nokuphetshethekiswa kwe-mbwu/iinkozo ngumoya, amaggabi kanye nezikhondo eziqamkileyo, konke oko kuyakhuselwa. Njengakuhlolol olubangelwa zizophango, umonakalo obonakala kulwakheko okanye ukutshabalala okusisiphumo somoya kwiindawo ezithile zesityalo okanye kwisityalo siphelele, nako kuyakhuselwa.

Uthutho

Umonakalo kwiimveliso ezithuthwa emva kokuvunwa emasimini aphantsi kweinshorensi ngenxa yomlilo, ukungqubana nokuphenduka kwezithuthi kuyakhuselwa. Nangona kunjalo, ukhuselo lunyi-

Nciphisa imingcipheko...

nwe ukufikelela kububanzi obungange 100 km ukusuka kwifama apho bezilinywe khona iimveliso.

Izandyondyo zemvula

Zizityalo ezithile kuphela, ezifana nengqolowa kunye neediliya, ezi-nokhuselo lwelahleko yesivuno sodidi ngenxa yezandyondyo zemvula ngethuba lebanga lokuvuthwa kwezi zityalo.

Umlilo

Uyakhushelwa umonakalo owenzeke kwizityalo ezithile ngenxa yomli-lo ongalawulekiyo. Umntu okukhuselo ufanele ukulandela imimiselo yesizwe malunga nokusekwa kwamabala okunqanda umlilo ukuze umntu abe nemfanelo yolu khuselo.

Iqabaka

Ziyakhushelwa iilahleko ezifumanek ngenxa yeqabaka (umonakalo wengqe), ziqlqa ukusetyenziswa komvumvuzelo ngendlela elambathayo xa iindawo zembewu yobuduna (stamens), iindawo ezimcaba (blades), izikhondwana (stalks) kunye namaggabi zitshatyalaliswe yiqabaka. Ifuthe elisisipumo kwisivuno sesityalo lihlolwa ngengqalelo ebonwa ngamehlo kwizakheko zezityalo. Umonakalo ongabonakaliyo ngamehlo, ofana nokubambezeleka kokuhula ngenxa yengqe awukhuselwa.

IMIBA EBALULEKILEYO YEINSHORENSI YEZITYALO

I-inshorensi yezityalo ingathathwa nakweyiphi iarhente enemfanelo yokusebenza, umzekelo amaqumrhu olimo, iibhanki, abathengisi abakhethiweyo okanye umphathi wendawo yequmrhuleinshorensi elilelona likufutshane kuwe.

Imibandela ekhokela iindleko zeinshorensi ngehektare sisivuno ngehektare, ixabiso lemveliso, ibhaso elingenabango, inqanaba leinshorensi kunye nenzalenye yomonakalo eluxanduva lomlimi.

Isivuno ngehektare

Khusela ngeinshorensi intsimi nganye ngokwesakhono sayo sesivuno uze uyandise ethubeni ukuba siye sakhula isakhono sentsimi. Abalimi bangazenzela isiggibo malunga nesivuno esinokufakwa kuhuselo Iweinshorensi.

Ixabiso leemveliso (irandi/ngetoni)

Ixabiso lesityalo lisoloko likukhuselo Iweinshorensi oko kuquka iVAT. Abalimi bangenza isigqibo malunga nexabiso abafuna ukulifaka kuhuselo. Abalimi abaninzi basebenzisa esona sisele sikufutshane, ummandla wentengiso okanye ixabiso leSafex kuquka iVAT njengesithethe xa befaka oko kuhuselo Iweinshorensi.

I-VAT kwi-inshorensi yezityalo

Xa sicinga ngerhafu, i-inshorensi yezityalo yimveliso yamalungiselelo kulimo ngoko ke, iVAT ifanele ukuhlawulwa. Xa umntu ethatha ipolisi, umlimi angaphinda abe nebango lokubuyiselwa iVAT liziko leeNkonzo zeMali laseMzantsi Afrika (SARS), kanti xa amabango selefeziwe, isixa esibangwayo siya kuquka iVAT kwaye iVAT ifanele ukuhlawulwa. Ukuze kwenzeke oku, ixabiso ngetoni nganye (ixabiso lemveliso) lifanele ukupuka iVAT.

Inxalenye yomonakalo eluxanduva lomlimi

- Ngaphandle kwenyaniso yokuba umxumi enokufumanisa iindleko zeinshorensi yakhe ngokuwalasela ixabiso nesivuno, kanti futhi unako ukuzikhethela ukuba ufunu ukuzithwalela ngokwakhe uxanduva lomngcipheko olungakanani.
- Xa emaninzi amathuba okuzikhethela ubambiswano lokwenza iintlawulo,

ziyehla iindleko zeinshorensi ngehektare nganye, kodwa umlimi unoaxanduva olithe kraty lokuzibonela ngokwakhe malunga nemingcipheko.

- Ukuba isicwangcisocebo sesokufumana olona khuselo lubanzi, umlimi uya kusebenzisa umgaqo wobambiswano kushishino kungekuko ukukhetha oweendleko eziphezelu. Oku kunciphisela umlimi imingcipheko. Nangona umgaqo wobambiswano kushishino uneendleko eziphezelu, ukwalukhuselo olubalaseleyo.

Umonakalo womoya

Ukhuselo lomonakalo womoya lungaqukwaa ngokulongeza kwipolisi yeziphangi apha kuya kubakho i10% eyongezelewa kumrhmu obalelw ukuhanelo Iweinshorensi kuphela. Ukuba iindleko zakho zeziphangi yi5% kuphela, ukuqukwa kokhuselo lomoya kuya kuba ziindleko ezingange 5,5% yexabiso lesityalo ziphelele. Oku kuyacetyiswa, njengoko inkoliso yeziphangi ikhatshwa zizaghwithi. Limeko zeemvula ezinkulu nakowuphi unyaka zenza kube lula noko ukuba iintloko ezinkulu zikajongilanga ziwe.

Imithetho ngepesenti yebhaso (ibhonasi) engenabango (ishwankathelwe)

- Inkubo yebhaso engenabango yomntu onokhuselo Iweinshorensi ijoliswe ekumnikeni uncedo Iwemali yomngcipheko enganeno kunaleyo yomntu okukhuselo Iweinshorensi kwakuso eso sithili solawulo lukamantyi.
- Umlimi uqokelela ibhaso le 10% elingenabango ngesityalo ngasinye ngefama nganye ngonyaka ngamnye olandeliswayo ongenabango lokhuselo Iweinshorensi, kude kuge bobona buninzi bama 50% ngaphandle kwemeko yeziqhamo necuba apha i5% ngonyaka ngamnye ongenabango iqokelelana ukufikelela kobona buninzi bama 30%.
- Njengoko ukuba sesichengeni somngcipheko wezityalo neendawo ezikuzo iifama zingafani, akukho bhaso elingenabango ngesityalo futhi ngefama liya kuqokelelana ngonyaka ngamnye ongenabango nophantsi kokhuselo Iweinshorensi.
- Xa luthathwe kwithuba lemomyaka emihlanu, ukhuselo Iweinshorensi oluwa kufunyanwa nguloo mxumi ongafane afake bango luya kuge neendleko eziphantsi kunezomxumi ofaka ibango ngonyaka ngamnye.

Inqanaba leinshorensi

Umrhumo ofanele ukuhlawulela ukhuselo Iweinshorensi yezityalo umiselwa ngokomngcipheko. Isityalo, indawo akuyo umntu kanti ulwalamano Iwemirhumo yemibango yezityalo ayifani ngoko ke, inqanaba libalwa ngokwezithili zolawulo loomantyi. Inqanaba lomrhmu wesithili liwalatha ngokungqalileyo umngcipheko ophathelele kwiqela lezityalo ezilinywa kweso sithili.

Ukhuselo ngokwexesha lokulima

- Ukhuselo Iweinshorensi yezityalo lunikwa kuphela ngokwexesha elithile lokulima.
- Isityalo esilandelayo (ixesha lokulima) masiphinde sibe kukhuselo Iweinshorensi kwimngcipheko ekhethiweyo, ixabiso nesivuno.
- Ukuze kufumanek ngetoni lemalii elilelona liphezelu, kubalulekile ukuba nokhuselo Iweinshorensi kwangoko kangangoko kunokwenzeka.

Umrhumo uhlawulwa kanye uphelele

Uncedo Iwemali yemirhumo lufumaneka kumaziko amaninzi asebenza njengeearhente zamaqumrhu okhuselo Iweinshorensi.

Ithuba lokulinda

Ithuba lokulinda libalwa ukususela kwixesha lokuthathwa kwipolisi kude kuge lixesha lokuqalisa kokhuselo. Ngoko ke, abalimi mabasebenzise ukhuselo liselihle ithuba phambi kokwenzeka komonakalo.

lindleko zeinshorensi zihlala zingatshintshi nokuba ikhutshwa kweliphi ithuba. Ngoko ke, kuluncedo ukuba kukhuselo Iweinshorensi ithuba liselihle kangangoko.

Izityalo zingafakwa kukhuselo zingekahlumi

Unako ukuthatha ukhuselo nangasiphi isigaba sexesha lokulima. Umgao jikelele kukuthatha ukhuselo Iwezityalo zasehlotyeni phambi kokuhluma kwazo njengoko umngcipheko wezi zityalo uphezulu kakhulu ngexesa lokuhluma futhi isiphango esinamandla sinokuzonakalisa ngokuxhalabisayo izithole ezincinane. Ukhuselo luqalisa kuphela emva kokuhluma kwesityalo okanye xa isityalo sesifikelele kwisigaba sokukhula esithile malunga nezityalo ezisisigxina. Nangona kunjalo, kukho izityalo ezifanele ukufakwa kukhuselo phambi kwemihla yokuzivalela ngaphandle, umzekelo, iziqhamo.

Ukhuselo olunyuswayo

Abalimi banenjongo yokuzilawula ngokuncomeka kangangoko iimveliso zamalungiselelo. Ngoko ke, iimveliso zinako ukuba nokhuselo olunyuswayo xa kusanda ixabiso lesakhono sesivuno ngetoni nganye.

Uhlolo lomonakalo okanye Iwerhafu

Njengoko busahluka ubuntununtunu bezityalo kumonakalo ngokweziga zokukhula ezaahlukahlukeny, iingcali zemingcipheko yolimo zisoloziqhube uphando lokufumanisa ifuthe leentloblo zomonakalo xa oku kunokwenzeka ngethuba lezigaba zokukhula ezaahlukahlukeny. Lintloblo zohlolo zenziwa ngabaqeshwa abaqqeshwe njengeengcali zemingcipheko kwiifama ezineentloblo ngeentloblo zokhuselo Iweeinshorensi.

Ukulindiselwa ixesha elizayo

Lintloblo zohlolo ngamany amaxesha zilindiselwa ixesha elizayo ude umonakalo ubonakale ngokucacileyo.

limephu

limephu ezilinganisa ngeGPS zifanelekile futhi azibalulekanga kuphela malunga neinshorensi yezityalo. Zinako nokusetyenziswa njengemithombo yezinye iimveliso zamalungiselelo, ezifana nembewu, isichumiso, ityhefu ngokunjalo nokuthelekelela izivuno ngokuchanekileyo. limephu zizixhobo ezilungele abalimi ukuba bazisebenzise kucwangcisel Iwabo Iweeinshorensi zezityalo, kwaye kucaca kwangoko xa kukho intsimi ethile ephosakele kucwangcisel Iweinshorensi yezityalo.

ISIPHELO

Zonke iiarhente zobungcali bemingcipheko zifumana uqequesho nognaka ngamnye rhoqo, ukuze abantu bakwazi ukuqhagamshelana nazo xa befuna iingcebiso zobungcaphephe nanini.

Akuba umminifama okanye umphathi enze isiqqibo sokuqhube ngokhuselo Iweinshorensi yezityalo, kufuneka kulandelwe amanyathe-lo alandelayo:

- Ukfumanisa ukuba kuza kusetyenziswa yiphi iarhente eyingcali yemingcipheko.
- Ukuqinisekisa ukuba seyifumanekile inkxasomali eyaneleyo kwiibhanki, kwiimbumba zentsebenziswano okanye kwabanye abaxhasi bemali.
- Ukuthelekelela isivuno sesityalo.
- Ukungena kwikhontrakthi nequmrhu leinshorensi.
- Ukulandela ngeliso imigaqo yokulima kune nequmrhu leinshorensi malunga neinshorensi yeemveliso zamalungiselelo.
- Nika ingxelo ngawo nawuphi na umonakalo obangelwe sisiphango, umoya okanye nasiphi na isitshabalalisi.

Umthombo weenkukacha: PGP: Incwadana yoQeqesho yeBanga eliPhezulu ngokuLinywa nokuThengiswa koMboma (Advanced Maize Production and Marketing Training Manual)

IQELA LABAHLELI



AMAZWI
AVELA...
kuLiana Stroebel

O NYAKA UBHABHE WADLULA KANTI ABALIMI ABANINZI BASAXAKEKE KWELI XESHA LOKUTYALA. NGOCWANGCISELO OLULUNGILEYO, KONKE KUFANELE UKUQHUBA KAKUHLE.

Nangona kunjalo, lisoloko likhona ithuba elingabonakalanga kwanqaphambili lokwaphuka okanye leemeko zemozulu ezinokungathande. Nokuba kwenzenka ntoni, kubalulekile ukusoloko umntu ebambelela kwimigaqo yokulima echanekileyo nokucela uncedo xa kukho nayiphi into angaqinisekanga ngayo. Khumbula ukuba unako ukuqhagamshelana nomphathi wakho wophuhliso wenginqi okanye nabathengisi bendawo yakho beemveliso zamalungiselelo nangaliphi ixesha xa ufunu iingcebiso.

Ungaze usebenzise iindlela ezingumplayo okanye unyanzelise ukusebenza ngeemveliso zamalungiselelo ezinganelanga kuba ufunu ukuhlwayela iihektare ezininzi, njengoko oku kungajika ekugqibeleni kugeziendleko ezinkulu kwakuwe. Kungcono usebenze ngokweengcebiso zabo bonke abathengisi zokunika ihektare nganye elona thuba libalaseleyo lokuzuza esona sivuno siphucukileyo sinokufumaneka.

Akukho mlimi weenkozo unokufama yedwa. Kubaluleke kakhlulu oku ukuba kuhunjulwe, ngakumbi kweli xesa. Uyabadinga abasebenzi bakho, abathengisi beemveliso zamalungiselelo zakho, abamelwane kune nosapho Iwakho. Ukuhlonelana nokuthembana kusentloko ekusebenzeni kweqela lakho elisebenza kune ngokujalo nokusebenziana ngendlela encomekayo. Ngaphaya koko, ukuba ukwicala lethamsanqa elenza ukuba ukwazi ukuncedisa omnye umlimi okanye ummelwane, yenza njalo ngaphandle koguthandabuza njengoko eso isisenco esilungleleyo.

'Umsebenzi wegela sisakhono sokusebenzisana nokujoliswa kwaso kumbono wenu – sisakhono sokujolisa iimfezeko zabantu ngabanye kugqaliselo Iweenjongo zombutho. La ngamandla avuselela abantu abanezakhono eziqhelekileyo ukuba bafikelele kwiziphumo zodidi oluphezulu.' – Andrew Carnegie

IQela loPhuhliso IwabaLimi lininqwenelela nonke ixesha lokulima elibalaseleyo!

– *ULiana Stroebel ngumphathi wemisebenzi noqequesho kwiPhahama Grain Phakama.*

Malunga nohlelo IwesiNgesi IwePula yale nyanga, skena le khowudi yeQR.





Sebenzisa ikhompyutha ukuze uncededeke

KWIHLABATHI ESIPHILA KULO NAMHLA, IIKHO-MPYUTHA SEZABA ZIZIXHOBO EZIBALULEKE KAKHULU NEZINONCEDO OLUBANZI NGOKUCHU-KUMISA NJE IQHOSHA, FUTHI ZILUNCEDDO NASE-BANTWINI ABANGENAMFUNDU YASESIKOLWENI.

Kweli nqaku, injongo kukubonisa iindlela ezinokusetyenziswa ngayo iikhompyutha ngokuncomekayo ngabantu abakwicandelo lolimo ukuze bangaphuculi ubomi babo kuphela, kodwa ekugqibeleni kube njalo nakumashishini abo okufama.

I-WI-FI

I-Wi-Fi ifana neblorho engummangaliso engabonwayo ngamehlo enxulumanisa iikhompyutha yakho okanye ifowuni kwi-intanethi. Luthungelwano olungenazintambo olukuvumela ukuba ungene kwi-intanethi ungakhange ube ufaka naziphi iintambo eplagini.

Xa ufunu ukusebenzisa iWi-Fi, udinga ukuba nesixhobo esingumthumeli (router) kwikhaya lakho – okanye naphi na aphi ufunu ukungena kwi-intanethi khona. Ukuze ufumane iWi-Fi, zidibanise nomboneleli wenkonzo onokukuthengisela iintshukumisa zemiyalezo kwiindawo ezisemaphandleni okanye usebenzise idata esefowunini yakho yohlobo Iwanamhla (smartphone). Wakuba ulufumene unxuluman, unako ukuqhagamshelana nabanye abalimi, abahlolo okanye usapho futhi uya kukwazi nokutyhutyha ihlabathi leenkukacha.

Nangona zininzi iindawo onokufumana kuzo **iWi-Fi yasimahla**, ezifana neerestyu okanye izicuku zeevenkile ezinkulu, iba khona imingcipheko yokhuseleko ebandakanyekayo. UDean Hattingh, umphuhli si wothongelwano kwikhompyutha weVenkile yeeKhompyutha eKlerksdorp, ulumkisa ngelithi uthungelwano Iwasimahla ‘luvulelekile’. Oku kuthetha ukuba imigulukudu yamasela ingaba nofikelelo kwinkukacha ezikwifowuni yanamhla yakho, kwithablethi okanye kwikhompyutha. Zama ukuzikhwebula ekusebenziseni uthungelwano IweWi-Fi yasimahla kodwa ukuba unyanzelekile, musa ukungena kwi-iakhawanti ezikrokrelekayo okanye ngokunjalo nokuqhuba utshintshewano olubandakanya imali.

UGCINOZINCWADI NGEKHAMPYUTHA

Kubalulekile ukuwulandela umkhondo wazo zonke iimali zakho, ngakumbi xa uqhuba ishishini lokufama. likhompyutha ziwenza lula kakhu-lu umsebenzi wogcinozincwadi. Endaweni yokubhala amanani nezixa ngesandla ephepheni, ungasebenzisa iinkqubo zogcinozincwadi ukuze ulandele umkhondo wengeniso neenkitho zakho, iinkomo zakho, ukutya ezikutyayo kunye nemvula. Ikhompyutha ikubalela ngokwayo izixa zizonke, ikubonisa imizobo yeegrafu ize ikubonise iindawo eya kuzo imali yakho. Kujika kufane nokuba nengcali yobalomali esebeenza nge-khompyutha ekuncedisa ngolawulo oluphucukileyo lwemali yakho.

NgokukaRocky Ridman, igcisa elikwibanga eliphezulu kwiVenkile yeeKhompyutha, kukho iinkqubo ezilijela zogcinozincwadi ezifumaneka kumashishini amancinane. Ngoku, eyona nkqubo ithandwa kakhulu yiZero. Ezinye iinkqubo ezinobuchule bogcinozincwadi yi-Pastel, iQuick Books neZoho. Umntu ufanele ukuthenga ilayisensi yokusebenzisa ezi nkqubo, kuba azifumaneki simahla kwi-intanethi.

UKUSAYINA NGOKUSEBENZISA IZIXHOBO EZICOFWAYO NEEKHOMPYUTHA

Ukusayina ngezixhobo ezicofwayo nangeekhompyutha kusetyenziselwa ukuqinisekisa ubunyani bamaxwebhu notshintshiselwano, kodwa zinomahluko ophawuleka ngokwenzeka ngobuchwepheshe, ukwamkeleka ngokwasemthethweni kunye nenqanaba lokhuseleko.

• **Umsayino ngesixhobo esicofwayo** ‘ngumtyikity’ owensiwa nge-khompyutha, osetyenziselwa ukuchonga umthumeli womyalezo okanye umntu osayne uxwebhu. Kunika inqanaba eliphezulu ngo-kuthe krtya ngokhuseleko, kulawuleka ngakumbi kwaye kuthe cha-tha ngokwamkeleka ngokwasemthethweni kunemisayino eyenziwa nge-khompyutha.

Imisayino yezixhobo ezicofwayo ayinakulinganisa ngobuqhetseba kwaye ikhawuleza ilalathe ixesha ‘lokusayinwa’ ko-xwebhu ukuqinisekisa ubunyani balo. Kwakhona ineda ngokuqinisekisa ukuba idata aytshintshwanga ukususela ngexesha ‘lokusayina’ ko-xwebhu. Obu buchwepheshe bukholisa ukusetyenziswa ngakumbi ngamaziko amakhulu.

- Imisayino ngekhompyutha**, kwelinye icala, le ndlela iquka imigaqo eyahlukahlukeneyo yokubonisa imvume okanye imvumelwano ngoxwebhu oluqinisekiswa ngezixhobo ezicofwayo. Yindlela esusa kwimifanekiso yesikeni yomsayino owenziwe ngesandla ukuya ekuofeni iqhosha elithi "I Agree" okanye ngokusebenzisa iinkcuka-cha ezalathwa yiminwe ezifana noshicilelo lomnwe.

Unako ukuseta umsayino ngekhompyutha usebenzisa ukusayina kwakho ngesandla ngokusebenzisa iAdobe Reader. Yiya apho kuthiwa 'sign yourself' okanye wenze isikeni somsayino owenze ngesandla sakho.

IINKQUBO ZEINTANETHI

linkqubo zeintanethi (apps) zifana neenkubo zeekhompyutha ezincinane onokuzisebenzisa ngokungqalileyo kwi-intanethi ungakhange ufaakele nantoni kwikhompyutha yakho. linkqubo zeintanethi (apps) ziquka imisebenzi ebanzi yonxibelelwano (njengokuthumela imiyalezo okanye ukunxibelelana ngokwenza iividio) ukuya ekuyleni iimveliso (ukuyila amaxwebhu okanye imibonisozingcaciso) ngokunjalo nokugcinwa kweengxelo. Udinga nje unxulumano lweintanethi kunye nenqubo yothungelwano ukuze ufikelele kwezi zixhobo ziluncedo.

Nanga amacebiso ambalwa malunga neenkubo zeintanethi (apps) ezinokuba lunchedo kubume obungqonge ulimo:

- Agri Assistant** lo ngumthombo weenkukacha gabalala ezelungi-selelw abalimi kuyo yonke iAfrika eseMzantsi malunga neendaba zolimo, imibutho yokufama, iincwadana zoqequeso zobugcisa kuye nezezalathiso zolwazi oluthe vetshe.
- Farmboek** liqonga elinokuhlengahlengiswa ngokobukhulu balo naluphi uhlobo lwekhompyutha okanye lwebowuni yanamhla (smart-phone). Ngoku lisetyenziswa ngabalimi abarhwebayo nabalimi abalimela ukuziphilisa. linkcukacha ezikulo zifunyenwe kwiingcali zezifo zezityalo, iingcali zezifundo zezinambuzane kunye neengcali ngezondlo, nezinye. Inika iingcebiso ngokutyala, ngolawulo lwezinambuzane nangokufakwa kwezichumiso malunga nezityalo ezi-liqela, ngokunjalo neenkukacha ngempilo yemfuyo nangefula yayo.
- Farmers Weekly SA** ixhobisa ngeendaba, iinkcukacha nangamannqaku aphathelele kulimo eMzantsi Afrika. Iquka uluhlu olubanzi lwezihloko ezinxulumene nabalimi bendawo.
- Farmzee** inika abalimi ufikelelo kwiingqikelelo zemozulu, iingcebiso ngezityalo nangamaxabiso entengiso angqaliswe kweli lizwe. Ikwaliongona aphi abalimi bancokola khona ngamava nangolvazi lwabo.
- Khula!** Isisisombululo sendlela yokuqhoba iintengo neentengiso esilungiselelw abalimi abasahlumayo, ngokubanxulumanisa ngqo nendawo ecwangciselweyo yeentengiso. Iyila 'ifama enye enkulu ebonwa ngekhompyutha', ikwanazo neefama ezininzi ezi-sahlumayo, iphinde ibonise ukuthuthwa kweedolo zezia ezikhulu ezivela koobhazabaza beeenvile, unxulumaniso lweentengo zeerestyu ngokunjalo nokusiwa kwempahla emizini.
- Nuru** incedisa abalimi ngokuchonga izifo ezitapileni nakwicassava.
- Rain 4 Africa** ijoliswe ekuncediseni abalimi abalimela ukuziphilisa xa besenza iziggibo. Injongo kukusebenzisa idata enxulumeni nemozulu kunye nolimo ukuze kunikelwe ngeenkonzo ixesha liselihle kubalimi abalimela ukuziphilisa.
- Tractorpal** isekwe kwincwadi yamanqaku yakudala okanye umqulapho utatomkhulu wakho ebegcina khona onke amanqaku akhe nekunedda ukuba ukwazi ukulandela umkhondo wesithuthi sakho ngokunjalo uphumeze ulondolozo.
- Vetapp** inxulumanisa abalimi beAfrika eseMzantsi neengcebiso ngezilwanyana kunye nokuxhaswa kwemibandela yempilo yemfuyo.

I-MOOC

Izifundo eziBanzi eziVulelekileyo kwi-Intanethi (Massive Online Open Course - MOOC) liqonga leintanethi elixhobisa ngezifundo nelinikela ngezifundo kuluhlu olubanzi lwezifundo kubafundi abaninzi ehlabathini liphelele. Liyilelw ukufileleka nakubani ononxulumanano lweintanethi kwaye likholisa ukwenza umnikelo wasimahla okanye lifune



iindleko ezincinane kakhulu xa kuthelekiswa nezfundo zesiqhelo za-bantu ngabanye.

I-MOOC ifumene ingqalelo enkulu nodumo kwiminyaka esandul' ukudlula ngenxa yesakhono sayo sokuyenza ifikeleleke imfundu ukuze abantu bafumane amathuba okufunda ehlabathini liphelele. Isetyenziselwa ukuxhobisa abantu ngabanye nokuphuhlisa ubungcali, ngokunjalo iqhuba ngokuphucula izigaba zokuxhoba kwiintloblo zobuchwepheshe bokufunda kwi-intanethi.

Amaqonga athandwayo eMOOC aquka iCoursera, iedX Udacity neand FutureLearn. Kufumaneka izifundo ngezihloko ezilandelayo kula maqonga:

- Ulimo olunozinzo kunye nolawulo lwmehlabo.
- Ulawulo lwezityalo nemfuyo.
- Ushishino lolimo nentengiso.
- Ukunyamezelu nokuziqhelanisa nemozulu.
- Ukuqhoba ngokuvuna okuncomekayo nobukho bokutya okwaneleyo.
- Ukuzibandakanya noluntu neembumba zomanyano lwalabimi.


UNGAQALISA NJANI?

Bobabini uRidman noHattingh bacebisa ukuba ithablethi yeypa ofanele ukuyithenga xa ungaqhelanga kakhulu ukusebenzisa ikhompyutha. Iya kuxabisa phakathi kwamaR5 000 namaR15 000. Ezinye iithablethi zinezihloko zebhodi yamaqhosha acofwayo ephumela ngaphandle ukuze isebeziseke lula.

Wakuba sowuwacwaba amanyathelo asisiseko okusebenzisa ikhompyutha ukuze uphucule umsebenzi wakho wokufama, inyathelo elilandelayo lingaba yidrowuni, njengoko ezi 'robhotti zibhabhayo' selusanda ufikelelo lwazo ngummi osemgamgathweni oqhelelekyo. NgokukaHattingh, idrowuni elungileyo yeDGI inokusetyenziselwa ukuphucula iindleko zokufama malunga namaR15 000. Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba idrowuni ihambelana neeapp zolimo phambi koytalomali kwenye yezi nkubo ziyimimangaliso emincinane. ■



KARINA MULLER,
UMBHALI KWIPULA IMVULA



UKUTHINTELA ILAHLEKO: Isixhobo sokuqinisekisa inzuzo

NGENXA YEENDLEKO EZIKUMANQANABA APHE-ZULU KUNYE NAMATHANDABUZO MALUNGA NENTENGISO, ABALIMI BAZIBONA BEKWIME-KO ABANGENAKUYOYISA. KUSOLOKO KUKHO NENGXAKI ENOKUBAKHO YAMAXABISO EE-MVELISO ANOKWEHLA ABE KUMANQANABA APHANTSİ.

Xa kuqwalaselwa intengiso yangoku yehlabathi kanye nembonakalo yentengo kubonakala ngathi amaxabiso eemveliso aya kuxhaseka kwixesha elizayo eselisondele. Imibandela exhasa amaxabiso yile:

- Impahla egciniweyo engephi yehlabathi ukususela kwixesha lokulima elidlulileyo.
 - Intelekelelo ezhelayo zemveliso yaseMelika (US) ngenxa yeengqikelelo zemozulu ezimbi.
 - Intelekelelo eziponisa ubuthathaka eYurophu ngenxa yobushushu obugqithisileyo.
 - Amathandabuzo ngemveliso evela eUkraine.
 - Intengiso ezbuthathaka zabalimi beembotyi zesoya eArgentina.
 - Imveliso ephantzi kunaleyo ibilindelekile yeoyile yesundu.
- Amanqanaba amaxabiso angoku kanye nexesha lokutyalal elisondela ngokukhawuleza oko kuthetha ukuba eli lelona xesha ligqibeleyo lokuqalisa ngokwenza izibalo zeemveliso zamalungiselelo zangoku nezamaxabiso eemveliso ukuqinisekisa isakhono senzuzo nesozinzo.

UMZEKELO 1

Umlimi ubala ngokwamaxabiso angoku aze afumanise ukuba iindleko zakhe zeemveliso zamalungiselelo zokuvvelisa umbona zimalunga namaR15 500/ngehektare. Umlimi ke ngoko ufanele ukuqinisekisa ukuba uthengisa imveliso yakhe kwixesha elizayo ngexabiso eliya kumnika amaR15 500/ngehektare. Ukuba umlimi uvelisa itoni ezi4/ngehektare, ufanele ukuthengisa umbona wakhe ngexabiso eliengangamaR3 875/ngetoni obona buncinane ukuze lifikelele kwiindleko zakhe.

- Iindleko zeemveliso zamalungiselelo = R15 500/ngehektare
- Ingeniso = 4 itoni/ngehektare x R3 875/ngetoni = R15 500
- Kuba inzuzo = ingeniso - iindleko
- Inzuzo = R0 (R15 500 ingeniso - R15 500 iindleko)

Ukuba itoni eziveliswa ngehektare ziyanda okanye ixabiso ngetoni liyenuka, kuya kufumaneka inzuzo.

UMZEKELO 2

Ukuba itoni eziveliswayo zanda zifikelele kwisi5 seetoni/ngehektare:

- Iindleko zeemveliso zamalungiselelo = R15 500/ngehektare
- Ingeniso = 5 itoni/ngehektare x R3 875/ngetoni = R19 375/ngehektare
- Inzuzo = R3 875/ngehektare (R19 375 ingeniso - R15 500 iindleko)

UMZEKELO 3

Ukuba ixabiso liyenuka lifikelele kumaR4 000/ngetoni:

- Iindleko zeemveliso zamalungiselelo = R15 500/ngehektare
- Ingeniso = 4 itoni/ngehektare x R4 000/ngetoni = R16 000/ngetoni
- Inzuzo = R500/ngehektare (R16 000 ingeniso - R15 500 iindleko)

Ngoko ke, imibandela emibini esentloko enefuthe kwinzuzo yimveliso nocabiso. Umlimi akanalawulo phezu kwemveliso, kodwa unalo ulawulo phezu kwexabiso alifumana ngesityalo sakhe.



UKUTHINTELA ILAHLEKO

Isixhobo esingenabugocigoci sokuqinisekisa inzuzo kukuthintela ilahleko. Ukuthintela ilahleko kwenzeka xa umlimi ethengisa imveliso yakhe kwikhontrakthi eyenziwa kwangaphambili, xa etyala ngexabiso elithile elithe krata kwixesha elizayo kuneendleko zakhe zeemveliso zamalungiselelo. Umlimi ke ngoko uthenga ikhontrakthi yekamva, ngokwenza njalo, ugqithisela umngcipheko komnye umntu. Oku kuqinisekisa ukuba umlimi ufumana isixa esithile ngetoni nganye yemveliso ayivunileyo.

Okufaneleke ukuba kwensiwe ngabalimi kukuthintela okanye ukukhuela isixa esiya kuba ziindleko zeemveliso zamalungiselelo ukuqinisekisa ukuba siyafikelela kwezo ndleko. Ngokuxhomekeka kwiimeko zeentengiso, umlimi angakhetha ukuthintela ilahleko yesixa esikhulu sesityalo okanye agcine isityalo ukwenzela ukufumana imali esesandleni xa esithengisa ekuqaleni kokuvuna.

Enyanisweni, ukuthintela ilahleko kunceda abalimi ukuba bawulawule umngcipheko wexabiso ngokuqinisekisa ukuba baykwazi ukuzihlawula zonke iindleko zamalungiselelo. Yonke into engaphezu okanye engaphaya kweendleko zeemveliso zamalungiselelo, yinzuzo. Ngoko ke, ukuthintela ilahleko kwangaphambili sisicwangcisocebo esibalulekileyo emsebenzini wokufama onozinzo.

Amaxabiso achatshazelwa yimveliso. Ukuba kuveliswe kwade kwagqithiswa, amaxabiso aya kuya kulingano lokuthengisela amazwe angaphandle kanti ngamaxesha okulambatha, amaxabiso aya kuya kulingano lokuthenga kumazwe angaphandle. La maxabiso olingano wona aphenjelelwa ngamaxabiso ehlabathi, ngoko ke, ukungathembeki okuphezulu kanye neminye imibandela eminzi kunako ukuba nefuthe kwintengiso. Kungenxa yoko kufanelekile ukusetyenziswa kokuthintela ilahleko kulawulo lwemingcipheko. ■



CHRISTIAAN VERCUIEL,
INGCALI YOQOQOSHO
KULIMO, EGRAIN SA

Gcina igama lakho

elihle lilihle

KWELI XESHA LONYAKA AMAZIKO ONCEDO LWEMALI ENZA ISIGQIBO SOKUBA INGABA AZA KULINNIKA NA ISHISHINI UNCEDO LWEMALI OKANYE HAYI. KUHLALUTYO LWESHISHINI, IZIKO LIQWALASELA, UBUKHULU BECALA, IMIBA EMITHATHU. LAKUBA LANELISE-KILE MALUNGA NALE MIBA MITHATHU, LIYA KUSAMKELA ISICELO SEMALIMBOLEKO.

Nantsi imiba emithathu engundoqo egqalwa ngamaziko oncedo lwemali:

- Isakhono somxumi sokubuyisa imali ebolekiwyo.
- Ukhuseleko anokumisa ngalo umxumi lokubuyisa imali xa kunokwenzenka obekungalindelekanga.
- Ingcali elawula iprojekthi. Abaxumi bakholis ukuwulibala lo mba kanti unefuthe elikhulu ngokuphathelele kwimalimboleko, ngokunjalo nakwinqanaba lenzala ekufuneka lihlawuliwe.

IINDELA EZISEBENZISEKAYO ZOKUGCINA IGAMA ELIHLE

Igama elihle lixabiseke nangaphezu kobutyebi, kuba lona alinakuthengwa koko liyasetynzelwa. Ukuba negama elihle kuthetha ukuphila ngendlela eyenza ukuba abanye abantu ba-kuthembe. Kudulisa ingqiqo abanokuxhomekeka kuyo abanye abantu. Ukugcina igama elihle akuthethi ukuba akunampazamo, kodwa xa wenze iimpazamo, uya-funda kuzo uze wenze ka-ngangoko unako ukuba izinto zihambe kakuhle.

- Landela amazwi akho futhi uzalisekise izithembiso zakho kangangoko unako ngokunjalo zi-hloniphe iziqqibo ozenzileyo, nokuba zikhathsha yinkxamleko engakanani.
- Buyisa izinto ozibolekileyo. Ngokuya lihamba ixesa, umngcipheko womonakalo uqhuba ngokwanda, ngokuphathelele kwizinto ezibolekiwyo kune nobuhlolo.
- Gcina imigaqo elungileyo yoshishino. Yonke imigaqo yoshishino mayibe nentembeko futhi isebezena ngokufanayo kubo bonke abantu. Kubakho umonakalo onobuzaza noqhuba kwithuba elide kwigama lakhe nokuba ngubani ofumana inzudo ngokulahlekelwa komnye umntu.
- Yenza iintlawa lusoqihelo ixesa liselihle. Oosomashishini baxhomekeke kwintlawulo abafanele ukuzifumana ukuze nabo bakwazi ukuthwala uxanduva lwabo lwemibandela yemali. Xa intlawulo yensiwe emva kwexesha, konakala intembeko nentlonelo kulowo ofanele ukuhlawula.
- Babebe abo banamashishini oxhomekeke kuvo futhi useke isiqhelo sokunikela ngentlawulo epheleleyo yeenkonzo. Cinga ngokugcina iakhawunti yohlobo olulodwa aphi kunokulondo-lozeka khona imali ngentembeko ukuze ingachithelwa kwezinye izinto.
- Yayama ebantwini abalumkileyo. Ubudlelwane buyinxaleny ebalulekileyo yobomi, kanti amadlelane akho aneempembelelo kwindlela ozibona ngayo izinto ezininzi.

INDLELA ELONAKALA NGAYO IGAMA ELIHLE

limeko ezinzima xa zizodwa azinakulitshabalalisa igama elihle. Xa umntu engabuphethanga ngesidima ubomi bakhe, uzibhaqa selekhetha izinto ezsengangathweni ophantsi, kuze oko kumoshe igama lakhe ebelilihle. Ukukhetha izinto ezsengangathweni ophantsi kungaqlala ngezinto 'ezincinane' okanye 'ezithambileyo'. Kuqala oko kubonakale emntwini njengokuzinika isiqabu kuxinzelelo oluphezulu, kanti ngokwenza njalo uphindaphinda iingxaki zekamva lakhe.

Kulumkele ukukhetha izinto ezsengangathweni ophantsi kule miba nakweminye:

- Ukungathembeki kwiingxelo zeentlawulo.
- Ukuziphatha kakubi.
- Ukuba namaqhinga malunga nerhafu.
- Ukuzibandakanya kwinkohlakalo.
- Uku-sebenzia iimali ngendlela engafanelekanga.

Ekuggibeleni, igama lakho elihle liya kukunceda ekufikeleleni kwimigqaliselo yakho kwaye kuya kuba nendima ebomini obumyoli.

PIETMAN BOTHA,
UMCEBISI OZIMELEYO
KWEZOLIMO



PULA IMVULA

Iqela labahleli

PHAHAMA GRAIN PHAKAMA: PRETORIA
PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040
■ 086 004 7246
■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OLAWULAYO

Dr Sandile Ngcamphalala
■ 082 862 1991 ■ Iofisi: 012 943 8296
■ sandile@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ Iofisi: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS MEDIA PUBLISHING
Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz
■ louise@infoworks.biz

Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit

■ 082 553 7806 ■ Iofisi: 018 468 2716
■ johan@infoworks.biz

Abapapashi – Elizma Myburgh, Jesseme Ross



INkqubo yePGP yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Jacques Roux
IFree State eseNtshona (Bethlehem)
■ 082 377 9529 ■ jacques.rouxjr11@gmail.com

Johan Kriel

IFree State eseMpuma (Bloemfontein)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Mbombela)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Phumzile Ngcobo (Umncedisi waseOfisini: Dundee)
■ 060 477 7940 ■ phumzile@grainsa.co.za
■ Office: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

MJ Swart

ENtshona-Koloni (Paarl)
■ 072 090 7997 ■ mj@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlananyane

Eastern Cape (Kokstad & Mthatha)

UCwayita Mpotsi (Umncedisi waseOfisini: Mthatha)
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA

NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, isiTswana, isiSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

Inkgubo egugula ubomi babantu



PGP
PHAHAMA GRAIN PHAKAMA

Farmer
Development
Programme
Ingxelo

Abalimi basombulula imingeni

UMGAQO wobuchule bemozulu uya kunceda bonke abalimi malunga nokusombulula iingxaki ezinxulumene nenguqoko yemozulu. Njengelinge lokuncedisa abalimi, iPGP yenjenje:

- Ifundisa ukuziqhelanisa okufanelekileyo okukhuthaza ukomelela kwabali, iziyalo kune neenkubo zokulima.
- Inciphisa iingxaki ngokusebenzisa ubuchwephesho banamhla nangokuhlaziya ulwazi lwakhe umntu ngokuphathelele kwimigaqo yokusebenza ekudidi oluphezulu nefanele umlimi osaphuhlayo.
- Ixhasa ubuntshatsheli ekubalulekeni kobukho bokutya okwaneleyo besizwe nobamakhaya.

Njengomzamo wokufuna ukuphumeza inguqoko enempumelelo nophuhliso olunozinzo kwicandelo lokufama ngeenkozo, iqela lePGP lityelele umlimi ngamnye okwibanga eliphezulu kwifama yakhe kumaxesha ali122, balimi abo banenxaxheba kwiiprojekthi ezahlukahlileyo kwinyanya kaJulayi neka-Agasti.



UJerry Mthombothi (umphathi wophuhliso wengingqi: eMpumalanga) utelele uBlessing Mazibuko kwinggaqo yaseLoskop kwaye isityalo sakhe sombona sibukeka sisihle kakhulu kweli xesha lokulima.



UMcebisi uPaul Wiggill utelele uGodfrey Mbhele ngelixa ebvuna isityalo sakhe sombona.



UFilter utelele uMandla Nkosi, ngelixa ebensesa imisebenzi yolondolozono nokukhanda iitrekta nezi-xhobo zokusebenza. Ukwenza imisebenzi yolondolozono lwezixhobo zokusebenza kubaluleke kakhulu ngexesa lokulima elingenangxakeko.



Kubalulekile ukuba nomsebenzi wakho weofisi uwenze ngendlela encomekayo – ugcinozincwadi nolawulo lwenali lwenziwa ngujere-miah Nkosi ekhokelwa ngumcebisi wakhe uTimon.



Umcebisi uJohnny Badenhorst utelele uAmos Vilakazi (iiProjekthi zokuFama zeVBA) kwindawo yaseLouwsburg, aphi ebvuna khona umbona wakhe.

Ucwangciseloxexesa LOKULIMA ELITSHA

AMAQELA ethu ofundonzulu akuzo zonke iindawo zelizwe aphi ukulinywa kweenkozo kusentloko khona, kanti kwinyanya kaJulayi neka-Agasti kuqhagamshelwene namaqela ofundonzulu angama54. Iqela labacebisi liyilandele ngeliso imisebenzi yokuvuna kwaye belijolise kugcino lweenkozo oluchanekileyo nolukhuselekileyo ngokunjalo nokuthengiswa kwesityalo.

Kuxoxwe ngezicwangciso zexesha lokulima elitsha na-nghohlahlomali. Abalimi bakhuthazwa ukuba benze iintlawulo zabo zeenkonzo bakuba befumene ingeniso yabo ukuze bajolise kugqaliselo lokwakha nokugcina iingxelo zemali ezintle – funda inqaku elikwiphepha lesi4. Ukufundisa ngolawulo lwenali nangeenqobo ezilungileyo zokuphatha ushishino kubaluleke njengokwabelana nabanye ngolwazi olunxulumene nemigaqo enempumelelo yokulima.



KwiQela loFundonzulu iBreyten, amalungu afundiswe nge-pH yomhlaba nangefuthe layo ekufunxweni kwezondlo, ukubaluleka kokufaka ikalika nangezizathu zokuthathwa kweesampuli zomhlaba.



Ixesha lokuvuna! Umbona weQela loFundonzulu iNtshiqo ngaseMthatha ukhangeleka umhle.



Abalimi beQela loFundonzulu iDonkerhoek kwisiphaluka sase-Louwsburg basoloko bethakazelela ukufunda kangangoko.